# Upalesa Uthanda Izityalo


Ursula Nafula

Jesse Pietersen

Kholeka Mabeta


Xhosa

Level 2

Lo nguPalesa. Uneminyaka esixhenxe ubudala. Igama lakhe lithetha ukuthi ‘intyatyambo’ kulwimi lwakhe iSetswana.

UPalesa uyavuka athethe nomthi weeorenji. “Nceda mthi weeorenji, khula ube mkhulu usinike amaorenji amaninzi avuthiweyo.”

UPalesa uhamba ngeenyawo ukuya esikolweni. Endleleni uthetha nengca. “Nceda ngca, yiba luhlaza kakhulu ungomi.”

UPalesa udlula kwiintyatyambo zasendle. “Ncedani zintyatyambo, qhamani ukuze ndihombise ngani iinwele zam.”

Esikolweni uPalesa uthetha nomthi osembindini wesakhiwo. “Nceda mthi, khupha amasebe amakhulu ukwenzela sifundele phantsi komthunzi.”

UPalesa uthetha nemithi yokubiyela ejikeleze isikolo sakhe. “Nceda ukhule womelele, unqande abantu abakhohlakeleyo bangangeni.”

Xa uPalesa ebuyela ekhaya esuka esikolweni, undwendwela umthi weeorenji. “Ingaba awakavuthwa amaorenji wakho?” uyabuza uPalesa.

“Amaorenji aseluhlaza,” wanesingqala uPalesa. “Ndiyakukubona ngomso mthi weeorenji,” watsho uPalesa. “Mhlawumbi uyakube sele unalo iorenji elivuthiweyo lam.”

# Storybooks South Africa

global-asp.github.io/storybooks-southafrica

## Upalesa Uthanda Izityalo

Written by: Ursula Nafula
Illustrated by: Jesse Pietersen
Translated by: Kholeka Mabeta

This story originates from the African Storybook (africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 International License.